# STELLENBOSCH

STELLENBOSCH • PNIEL • FRANSCHHOEK

MUNISIPALITEIT • UMASIPALA • MUNICIPALITY

## IKHWELO LOKUTYUMBA

### IGQIZA LABACEBISI NGAMAWONGA NEEMBASA ZIKAMASIPALA

**UMasipala waseStellenbosch**

UMasipala waseStellenbosch umema amalungu oluntu ukuba atyunjwe ukuba asebenze kwi**Gqiza laBacebisi ngamaWonga neeMbasa zikaMasipala ngokoMthetho kaMasipala waseStellenbosch, ka2025.**

**Injongo yeGqiza laBacebisi**

IGqiza laBacebisi ngamaWonga neeMbasa zikaMasipala libonelela ngengcebiso kuSodolophu oLawulayo malunga **nokunikezelwa, ukutshitshiswa okanye ukubuyiselwa kwamaWonga neeMbasa zikaMasipala** eziwongwe nguMasipala. Igqiza lidlala indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba iwonga likamasipala linikezelwa ngendlela enobulungisa, engafihliyo nenesidima kubantu okanye imibutho enike inkonzo ekhethekileyo okanye impumelelo.

**Ukusekwa kweGqiza**

Ngokuhambelana nomthetho kamasipala, iGqiza labaCebisi linokubandakanya:

- Ukuya kutsho **kwisihlanu (5) sooceba**, abameli ngokubanzi beBhunga likaMasipala; kwaye
- Ukuya kutsho **kwisihlanu (5) samalungu oluntu**, ahlonitshwa kakhulu kwaye amele uluntu ngokubanzi kuMasipala waseStellenbosch.

Eli khwelo lifuna ngokukodwa **ukutyunjwa kwamalungu afanelekileyo oluntu** ukuba asebenze kweli gqiza.

**Iinkqubo zokuFaneleka**

Abatyunjwa kufuneka:

- Babe ngabantu abanesidima esiphezulu, ubabekekileyo nabahloniphekileyo eluntwini.
- Bamele ngokubanzi uluntu olukwingingqi kaMasipala waseStellenbosch.
- Babonise **ulwazi, amava, okanye umdla kulwamkelo loluntu, ilifa lemveli, uphuhliso loluntu, ubugcisa, inkcubeko, ezemidlalo, inkonzo yoluntu okanye igalelo kwintlalo**.
- Bazimisele ukukhonza uluntu ngokungenamkhethe kwaye bagcine isidima nembeko Isidima nobungangamsha bamawonga kamasipala.
- Bangabi nako nakuphi na ukungqubana kweemfuno okunokuthi kubeke esichengeni umsebenzi wegqiza.

**ImiSebenzi noXanduva lokuPhendula**

Amalungu eGqiza laBacebis aza:

- Kuthathela ingqalelo kwaye avavanye ukutyunjwa kwamaWonga neeMbasa zikaMasipala.
- Kubonelela ngeengcebiso ezizimeleyo kuSodolophu oLawulayo malunga **nokunikezela, ukutshitshiswa okanye ukubuyiselwa kweembasa**.
- Kuqinisekisa ukuba izindululo zihambelana nemigaqo kunye nezibonelelo zoMthetho kaMasipala wamaWonga.
- Kuzimasa iintlanganiso ezibizwe nguSodolophu oLawulayo njengoko kufuneka.

**IiMfuno zokuTyumba**

Amagama abatyunjiweyo kufuneka aquke:

1. Ifomu yokutyumba egcwalisiweyo (efumaneka kwiwebhusayithi kamasipala okanye efumaneka kuDonovan.Muller@stellenbosch.gov.za
2. **Inkuthazo echaza ukufaneleka komtyunjwa**.
3. **Uluhlu lwemfundo nemisebenzi emfutshane** yomtyunjwa (amaphepha ama 3ubuninzi).
4. **Ulwamkelo** olubhaliweyo **lokutyunjwa** ngumtyunjwa.
5. Iinkcukacha zoqhagamshelwano zomtyunjwa.

**Ukunjeniswa kwabaTyinjwa**

Iifomu ezigcwalisiweyo zokutyumba kufuneka zingeniswe:

**IOfisi kaSodolophu oLawulayo**

UMasipala waseStellenbosch, PO Box 17, eStellenbosch, 7600

Thumela i-imeyile kuDonovan.Muller@stellenbosch.gov.za. Umnxeba: 021 808 8314

**Umhla wokuVala**

AOnke amagama abatyunjwa kufuneka afunyanwe **ngomhla okanye ngaphambi kwawo 15 uCanzibe 2026 ngo 16:30PM**. Amagama abatyunjwa afakwe emva kwexesha okanye iifomu ezingagqityiwanga awayi kuthathelwa ngqalelo.

**Xa unemibuzo**

Ukuba unemibuzo malunga nenkqubo yokutyumba, nceda uqhagamshelane:
[noDonovan Muller: Donovan.Muller@stellenbosch.gov.za or 021 808 8314]

gear GA4151

**UMasipala waseStellenbosch** ukhuthaza ulonyulo olubonakalisa **iyantlukwano kunye nobutyebi boluntu**, kubandakanywa abantu abavela kumacandelo ahlukeneyo, imvelaphi neendawo ezikummandla kamasipala.